



# Ububele bukaMaḡodzi

Tshedza Tlhako

Busisiwe Ndlovu





Kwakukho intombazana egama linguMaṭodzi.

UMaṭodzi wayehlala elalini nomama kwakunye noMakhulu wakhe.



Ngenye imini, umama kaMaṭodzi wamcela ukuba amdulisele umyalezo kuMalumekazi wakhe kwenye ilali.

“Landela laa ndlela siqhele ukuyisebenzisa,” uMaṭodzi wakhunjuzwa ngumama wakhe.



UMaṭodzi walandela indlela eqhelekileyo eya endlwini kaMalumekazi wakhe, wawugqithisa umyalezo.

Xa wayesendleleni egodukayo uMaṭodzi, kufutshane apho weva ilizwi lithethela phantsi, “Ndicela undincede.”



UMaṭodzi wabhekabheka waza wabona umntu ongumama elele ecaleni kwendlela.

Wambulisa waza wabuza uMaṭodzi, “Kutheni ulele apha nje?”



Waphendula lo mama wathi, “Andinamandla, ndiyagula, kwaye ndihlala kude nekhaya.”

UMatodzi waba nosizi ngulo mama.



Wathi kuye, “Ndiza kukusa kwikhaya lam kuba likufuphi.”

UMatodzi wamncedisa lo mama ukuze aphakame.

Bahamba kancinci bada bafika.



UMatodzi, umama noMakhulu wakhe  
bamkhathalela ngokumonga lo mama wada  
waziva ebhetele.





Lo mama waba nombulelo ongazenzisiyo kubo ngokumkhathalela.

Wancoma uMaṭodzi ngokukhalipha nangokukhathala.



Lo mama wathi kuMaṭodzi nabantu bakokwabo,  
“Andinakuze ndinilibale ngoku nindenzele kona.

Emva kweentsuku ezintathu, ndifuna ukuba  
nindixelele iminqweno eninayo emibini.”



Emva kweentsuku ezintathu, uMaṭodzi, umama wakhe noMakhulu, bayixela iminqweno emibini ababenayo.

Umqweno wokuqala yayikukuba babe nendlu entle.



Umnqweno wesibini yayikukuba babe nehlathi ngasendlwini yabo khon'ukuze bangayi kude xa beyokutheza iinkuni.

Yomibini le minqweno yabo yafezekiswa njengoko ebetshilo umama abamncedayo.



UMatodzi nosapho lwakhe bahlala ngokonwaba endlwini yabo entle esecaleni kwehlathi.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



Your attribution should include the following:

Title: Ububele bukaMaḱodzi

Author/s: Tshedza Tlhako

Translator/s: Pretty Neliswa Magangxa

Illustrator/s: Busisiwe Ndlovu


Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

